

# Izikhokelo zabaxhamli boVuselelo lweNgqesho lukaMongameli (Presidential Employment Stimulus) (PESI)

## OKUNGENZIWA ngabaxhamli be-PESI

1. ISebe lezoLimo uTshintsho loMhlaba noPhuhliso lwamaPhandle (Department of Agriculture, Land Reform and Rural Development) (DALRRD) linxibelelana nabaxhamli be-PESI nge-SMS. Ngoko ke, phendula kuphela kwi-SMS ethunyelwe yi-DALRRD.
2. Gcina zonke ii-SMS ezithunyelwe yi-DALRRD kwiselula yakho. Ukuba kuyenzeka, nceda uzibhale phantsi ukuze uzisebenzise kwixesha elizayo okanye kwimeko yokulahlekelwa yiselula yakho.
3. Xa unamathandabuzo ngayo nantoni na ephathelene ne-PESI, nceda wenze okulandelayo:
  - a. Tsalela umnxeba umququzeleli wakho wephondo we-PESI kwinqanaba esemazantsi ezi zikhokelo.
  - b. Thumela i-SMS ukuqa negama lephondo.
  - c. Thumela i-imeyile ku-queries@dalrrd.gov.za kwaye kumyalezo, quka igama lephondo kunye nenombolo yeselula oyisebenzisileyo ukufaka isicelo se-PESI.
  - d. Tyelela iofisi yakho yeSebe lezoLimo uTshintsho loMhlaba noPhuhliso lwamaPhandle.
  - e. Tyelela okanye utsalele iofisi yakho yegosa lakho lengingqi elingumdibanisi.
4. Ukuba ngaba ulahlekelwe yiselula yakho kwaye ungakwazi ukufumana elinye ikhadi le-sim, qhagamshelana ngalo lonke ixesha namagosa karhulumente ngoncedo, usebenzisa iindlela zonxibelel wano ezingentla.
5. Ngayo nayiphi imibuzo enxulumene ne-PESI, nceda usebenzise ulwazi olukhankanywe ngentla ukunxibelelana nesebe.
6. Cela ukuzazisa okupheleleyo kwalowo ukutsalela umnxeba (indawo akuyo, iziko kunye namagama) uze ugcine iirekhodi.

## OKUNGENAKWENZIWA ngabaxhamli be-PESI

1. Ungaphenduli imiyalezo evela kumaqonga amakhasi onxibelelwano, umzkl. Facebook, Twitter, WhatsApp, ii-imeyile, YouTube, njl. njl.
2. Ungenzi nawuphi na umyalelo owunikwa ngabantu ongabaziyo, cela ngalo lonke ixesha ukuba azazise umntu otsala umnxeba.
3. Unganiki ulwazi lobuqu (njengeenombolo ze-ID) nabani na.
4. Ungayitshintsheli kwikheshi ivawutsha. Ukuba ngaba unokufunyanwa usenza oko, uza kuthathelwa amanyathelo omthetho kwaye uza kwenziwa ukuba ungafumani nkxaso karhulumente iminyaka emihlanu.
5. Ungasuki kwiprojekthi yezolimo ofake isicelo sayo sempahla ye-DALRRD.
6. Unganiki inombolo yevawutsha abantu abazenza ngathi banika isitokhwe (amaqhetseba) kumakhasi onxibelelwano. Liza kukukhokela isebe ngokuphathelene nokuba uyisebenzisa phi ivawutsha.

## Abaququzeleli bamaphondo

Mpuma Koloni	Khathu Ravele	072 053 9659
Freyistata	Nthuteng Makeng • Hulisani Malinda	078 666 3054 • 082 696 9127
Gauteng	Njabulo Mbethu	063 472 2481
KwaZulu-Natal	Maropeng Phosa • Bongwiwe Phalane	072 824 0574 • 072 198 7789
Limpopo	Thabile Diphofa • Neria Mphahlele	072 228 1924 • 073 454 0963
Mpumalanga	Ithuteng Mapheto • Gilbert Mbedzi	063 475 5592 • 063 472 2633
Mntla Koloni	Boitumelo Booyesen	063 692 5810
Mntla Ntshona	Ivan Ramogale • Catherine Legodi	084 287 9386 • 063 472 2390
Ntshona Koloni	Zanele Masoleng	073 243 2480



agriculture, land reform  
& rural development

Department:  
Agriculture, Land Reform and Rural Development  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



PRESIDENTIAL  
EMPLOYMENT  
STIMULUS

